Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

P.O. Box 20, Hermanus 7200
www.overstrand.gov.za

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

NOVEMBA 2019

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

OOMAKHWE-KHWETHA BAHLONITSHI-WE KUMSITHO WAMAWONGA KASODOLOPHU

(Ongasekunene) NguSean Privett weWalker Bay Fynbos Conservancy ofumene iwonga elijikelezayo eliyiMayor's Floating Trophy for Environmental Conservation.

Ngokuhlwa kwangoLwesine, womhla wesi-3 kuOktobha, uSodolophu Dudley Coetzee usindleke umsitho wamawonga kaSodolophu waqho ngonyaka waseOverstrand oyiMayoral Awards Ceremony ukuhlonipha loo madoda namabhinqa asekuhlaleni aye athi, nakuba nje bexakeke gqitha kubomi babo, batshatshele ngakumbi kwizenzo zabo zemfesane. Ngenxa yezenzo zabo, basebenze gqitha ukuphuhlisa nokuxhobisa abahlali beendawo zasekuhlaleni kwabo.

KuDidi 1: ngabaPhumelela emaGqabini, abaphumelela ngokudibeneyo yayinguYorika Rabie wePurple Angels noNatasha Bruiners weCatapult Foundation. Ibhaso lokuwonga elijikelezayo **eliyiMayoral Trophy for the Woman of the Year** laya kuJami Kastner (waseButterfly Centre), laza ibhaso elijikelezayo **eliyiFloating Trophy for Environmental Conservation** laya kuSean Privett (waseWalker Bay Fynbos Conservancy). UDi Rattle waseHermanus Breweries, waseOld Harbour Bee, waphumelela **kuDidi 4: IwaBaphumeleleyo kwezoShishino**, waza uPeter Kastner waseStandford Hills Estate waphumelela **kuDidi 5: IoPhuhliso IweZokhenketho**. U-Izaan Newman waseGansbaai Academia waphumelela **i-2019 Junior Achiever**, lo gama uGqr. Anina Lee noRobin Lee bafumana i-Achiever of Excellence: Lifetime Award. Iinkcukacha zabaphumeleleyo namagalelo abo kuluntu lwasekuhlaleni kwabo bayafumaneka ku- https://www.overstrand.gov.za/en/media-section/news/

Abanye abafikelele emaphethelweni babebandakanya uCeleste Loriston, uMarhette van Huyssteen kunye noAnette Kahts (iKomiti ebhale iBali); uMichael Neville Auston (weBotfriends nePEG); uSuretha Cloete (wasePhoenix Project); uMelissa Krige-Saayman (wasePlatbos Forest); kunye noMisha Teasdale (waseGreenprop).

Abasemfanekisweni bekunye noSodolophu wesiGqeba soLawulo uDudley Coetzee bafumene amabhaso kaSodolophu ii-2019 Mayoral Awards: Abangasemva ngaba, ukususela ngasekhohlo ukuya ngasekunene, uJorika Rabie wePurple Angels (ophumelele ibhaso lokugqwesa i-Achiever of Excellence Award), u-Izaan Newman waseGansbaai Academia (webhaso lokugqwesa i-2019 Junior Achiever), uSean Privett waseWalker Bay Fynbos Conservancy (ibhaso lokugqwesa eliyi-Floating Trophy for Environmental Conservation), kunye noPeter Kastner waseStanford Hills Estate (ibhaso lokugqwesa eliyi-Tourism Development Award). Abangaphambili ngaba, ukususela ngasekhohlo ukuya ngasekunene, nguDi Rattle waseHermanus Breweries, abaseOld Harbour Beer (ibhaso lokuwonga i-Entrepreneurial Achievement Award), uGqr. Anina Lee (ibhasolo lokuwonga eliyiAchiever of Excellence: Lifetime Award), uNatasha Bruiners waseCatapult Foundation (ibhaso lokuwonga i-Achiever of Excellence Award), uGqr. Robin Lee (ibhaso lokuwonga i-Achiever of Excellence: Lifetime Award) kunye noJami Kastner waseButterfly Centre (ibhaso lokuwonga eliyiWoman of the Year).

Imilinganiselo yemvula esezantsi ichaphazela iDe Bos dam

Ukusuka kubusika bowe-2015, ingingqi yaseNtshona Koloni yayisoloko iphakathi kwembalela enkulu yaye umlinganiselo wemvula waba ngosoloko ungaphantsi komlinganiselo.

Iimvula zasebusika zango-2016 no-2017 zenze kancinane ukunika isiqabu. Ukususela ekuqaleni kukaNovemba 2017, uMasipala waseOverstrand kwanyanzeleka ukuba aphumeze imiqathango engosetyenziso lwamanzi yenqanaba 1 kummandla oMkhulu waseHermanus. Ukususela ngowe-1 Juni 2018, imiqathango engosetyenziso lwamanzi yenqanaba 2 kwanyanzeleka ukuba iphunyezwe, kubandakanywa nenqanaba lokuqala lemiqathango ngezosetyenziso lwamanzi kummandla wezolawulo lwaseHermanus kuphela. Ukususela ngoko, ubusika bango-2018 kwakunye nango-2019 ukuza kuthi ga ngoku kuze nomlinganiselo womyinge ongezantsi.

Umlinganiselo wemvula nokufuneka kakhulu kwamanzi

Ukususela nge-1 Januwari 2019 ukuya ekupheleni kukaSeptemb 2019 yaye kuphela yi-340 mm yemvula erekhodwe eHermanus, xa kuthelekiswa nomyinge wethuba elide we-502 mm wethuba likaJanuwari ukuya kuSeptemba. Umlinganiselo womyinge wethuba elide waqho ngonyaka waseHermanus ngu-620 mm. Kuphela yi-510.4 mm yemvula erekhodwe ngo-2015, yayi-526.3 mm ngo-2016, yayi-502.9 mm ngo-2017, kunye ne-520.2 ngo-2018.

Abemi baseHermanus basebenzisana kakhulu ekongeni amanzi kwisithuba seminyaka eyi-10, kungakhathaliseki kukhula ngokukhawulezileyo qho ngonyaka koluntu ngeli thuba. Imfuneko yamanzi okusela akhuselekileyo ukuselwa ngo-2018/19 yayingu-10.1% (i-409 000 kl) nganeno kunango-2015/16.

Inqanaba lomlinganiselo wamanzi edama iDe Bos

Ngokucacileyo, umlinganiselo wemvula ongaphantsi komyinge uyichaphazele kakhulu iDe Bos Dam. Eli dama lisengowona mthombo obaluleke gqitha wamanzi amaninzi aseHermanus, yaye ngoku lizalise kuphela umthamo we-44.2%, njengokuba ubusika busiya ekupheleni ngephanyazo. Indawo yokuqokelela amanzi yaseDe Bos Dam, eku-31 km2, incinane noko kunaleyo, umzekelo, elinganayo nayo ngobukhulu yaseKraaibosch Dam (indawo yokuqokelela amanzi eyi-208 km2). Ngaphezulu, ngenxa yomthamo walo, inqanaba lomlinganiselo wamanzi aseDe Bos Dam alinakuthelekiswa, umzekelo, nelo lamadama iBuffelsrivier nePearly Beach, kuba la mabini asandula ukuchazwa amadama anemilinganiselo emincinane, yaye umlinganiselo wemvula kwezinye iindawo awukhange ube sezantsi njengokuba kunjalo kummandla waseHermanus.

Ukutsalwa kwamanzi angaphantsi komhlaba

Imingxuma yezitsala-manzi eziyi-10 ezisa amanzi eHermanus isetyenziswa kakhulu, yaye ifaka igalelo kwizigidi zeelitha zamanzi amaninzi kakhulu eziyi-2 456 eziya kwinkonzo yokuzisa amanzi amaninzi ukususela ngo-Oktobha 2016, ngaphezu kwe-30% yemfuno iyonke kwithuba elo, ngaloo ndlela kwafaka igalelo ekulondolozweni kwenqanaba lomlinganiselo wamanzi leDe Bos Dam.

Kugrunjwe imingxuma yezitsala-manzi ezintsha sele igrunjwe ngempumelelo kwiinyanga ezimbini ezidlulileyo eGateway field well. Le mingxuma yezitsala-manzi ngoku iyavavanywa, emva koko kuya kucaciswa ngezixhobo zokusebenza neemilo zazo zinokuqukunjelwa ukwenzela ukuba kuqukunjelwe neethenda ezazibiziwe ukwenzela ukuba ziggitywe yaye zivunywe njengemingxuma yezitsala-manzi ajongene nokunikwa imvume njengemingxuma ezizitsala-manzi zokusebenza.

Kuqikelelwa ukuba imingxuma yezitsala-manzi iya kuqalisa kwimveliso kwikota yesibini ka-2020.

Izifundo zophando ngokunokwenzeka sele ziqhubele phambi ukuphumeza inkqubo yokujikwa kwamanzi aselwandle eHermanus asetyenziswayo kwisithuba sexesha eliphakathi.

Imiqathango ngezosetyenziso lwaManzi

Imiqathango ngezosetyenziso lwamanzi njengenyathelo lethutyana ukuthibaza ukusetyenziswa ngokugqithileyo kwamanzi, nokulondoloza inqanaba lomlinganiselo wedama. Oku kukhokelela ekuncitshisweni kokusetyenziswa kwemiqathango engosetyenziso lwamanzi akenzi, ngoko ke, mvuzo ungaphezulu kaMasipala.

Kwilinge elithe rhoqo lokusetyenziswa kwemithombo yamanzi wethu, uMasipala waseOverstrand ubongoza bonke abemi baseHermanus ukuba bancede bangatenxi kwimiqathango engosetyenziso lwamanzi yeNqanaba 3 eya kuqalisa ukusebenza ngowe-1 Novemba 2019.

Usetyenziso lweenkqubo zokunkcenkceshela nemibhobho yamanzi akuvumelekanga kude kuphinde kwaziswe kwakhona, kuphela kukusebenza ngamanzi kuphela akumabhakethe okanye amakani okunkcenkceshela.

Qaphela, kwakhona, ukuba izithuthi neebhowuthi zinokuhlanjwa ngebhakethi nelaphu kwanokuba ukuthsithsiza ngophayiphi kwiindawo ezitshele kalukhuni okanye ezipeyiviweyo akuvumelekanga. Ukuzaliswa kwamaqula okuqubha akuvumelekanga.

Ixabiso eliqingqiweyo elijongene nosetyenziso lwamanzi lwasekhaya lisebenzisa ukuya kutsho ku-6 kℓ ngenyanga alinyukanga, kodwa ukususela ngoJuni 2018 amaxabiso aqingqiweyo osetyenziso lwamanzi lwasekhaya angaphezu ko-6 kℓ onyuka ngo-30%. La maxabiso aqingqiweyo aya kuhlala esebenza kakuhle ngokuphunyezwa kwemiqathango yokusebenza kwamanzi yeNqanaba 3.

Ngelishwa, kude kufike ixesha apho iDe Bos Dam ifikelela kwinqanaba elamkelekileyo lobuncinane be-70%, imiqathango engosetyenziso lwamanzi namaxabiso aqingqiweyo athintelayo kuya kunyanzeleka ukuba ahlale esebenza, yaye ukuphunyezwa kwemiqathango engqongqo kunokunyanzeleka ukuba inikwe ingqwalaselo kwithuba elifutshane.

Umyezo wezendalo i-Fernkloof Nature Reserve Nkqo entloko ngentsimbi yesithandathu kusasa

Ngenjongo yokubhiyozela ihlobo, umyezo wendalo i-Fernkloof Nature Reserve uya kuvula amasango kwiyure engaphambi koko, yaye iiyure zokuvula (06:00 - 19:00) ziya kuhlala zisebenza kude kube ngumhla we-20 March 2020.

Kungenwa simahla epakini.

Kukhunjuzwa abanxule izinja ukuba bahambe kwiindlela eziblowu kuphela. Izinja mazisoloko zisentanjeni ngawo onke amaxesha yaye kufuneka lisusiwe ilindle lazo.

UKHE WAYITYELELA MVANJE IWEB-HUSAYITHI YASEBURHULUMENTENI YASE-OVERSTRAND?

Singathanda ukukhuthaza abemi bethu ukuba bangene kwiwebhusayithi yaseburhumelenteni kamasipala wethu apha www.overstrand.gov.za, le webhusayithi ihlaziywa qho ngeveki yaye, ngamanye amaxesha, yonke imihla, ngokuxhomekeke kwimeko kubunjani beenkcukacha ezichaziweyo.

Ngokuphelelelo, injongo yale webhusayithi kukunika ingxelo ngokwenziwa ngumasipala nokugcina uluntu lusazi yaye lwazisiwe ngokwenzeka kwiziganeko okunokubaxhalabisa.

Ukuba unqwenela ukwenza amagqabantshintshi ngokuqulathwe kunye/okanye ngokusebenziseka kwewebhusayithi yaseburhulumenteni, kucelwa ukuba uthumele i-imeyili ku: tzweni@overstrand.gov.za

uHawston Cadets uqubisana nengxaki yenkunkuma yasePaddavlei

Qho ngonyaka, ngoMgqibelo wesithathu kuSeptemba, amavolontiya kwihlabathi liphela ayamanyana ekuncedeni kususwe nya kumanxweme izinto ezingajongekiyo nenkunkuma eyingozi, zonke ezi zinto ziyingozi, nezithi xa zizonke zisotwe yaye zisetyenziswe kwakhona apho kunako.

Ekusondeleni kwalo mhla, i-Overstrand's *Environmental Management Services* (EMS), *the Paddavlei Eco-group* (P.E.G.), *Working for the Coast* kunye neqela lezinye ii-NGO zabambisana neHawston Cadets ukunceda ekugutyuleni iindawo ezingumgxobhozo eHawston phantsi kweliso leSebe leMicimbi yeNdalo *Department of Environmental Affairs' Youth Coordinator*, Steven Njokwana.

Ibutho iiKhadethi lenze owona msebenzi mninzi, nangona, oko kukhokelele ekuzalisweni kweengxowa eziyi-40 ngenkunkuma esuswa kumlanjana nakwizityalo ezingqongileyo. UMarco Cornelius (Overstrand EMS) noMichael Henn (*Working for the Coast*) bathi bothuke kakhulu ukubona ubungakanani benkunkuma esusiweyo kuloo nkqubo: nayiphi na into ukususela kwiibhotile zewayini ukuya kwizinto zokuphatha ukutya, iibhotile neziciko zeziselo, iiplastikhi, kunye nezijungqe zesigarethi, singayilibala kanjani -ipolisterini eyakheleneyo kumashumi ngamashumi eminyaka eyadlulayo.

Nakuba kunjalo, uNjokwana nabququzeli abangoogxa bakhe babengawuvali umlomo bencoma ukuzimisela nenkuthalo yabo kwakunye nempumelelo yephulo lokucoca.

Kothulelwa umnqwazi ngokukodwa bonke abo bancedisileyo ukususa nya ePaddavlei nakwiindawo ezijikelezwe ziinduli ngeenduli zenkunkuma

Uqatshelo kwangethuba kwesoyikiso i-shotholeborer (ibhungane elimnyama)

Niyacelwa niyihlole imithi yenu!

Kutshanje, umlimi-myezo (horticulturist), uLauren Rainbird, weziko i-Bio-technology Institute (FABI) uza kujonga iindlela zokulwa isoyikiso esiza nebhungane elimnyama, aze athathele ingqalelo inkqubela esele yenziwe ukuza kuthi ga ngoku ngokuphathelele koku.

I-shotholeborer libhungane elimnyama elincinane elitshabalalisayo elilincinane kunesinambuzane esiyisesame seed esigrumba amatonela kwimithi emininzi ukubeka amaqanda lisasaze nomngundo othintela indlela yokuhambisa komthi iinkqubo zawo zangaphakathi zokutya. Umngundo oba kumatonela uphazamisana nokunikwa kwamanzi nezakhamzimba eziya emthini, ubangela ukuba isebe life ngasemva nasencamini ligqibele ngokutshabalala. Ezona mpawu ziqhelekileyo zemithi esulelekileyo yintlaka okanye ulwelo oluphuma kwixolo kwimingxuma yokuphuma nokungena (zincinane kangange-1 mm kububanzi, zikhupha into eqokelelanayo buswekile, umthi ogubekileyo (isodasti), ukujika ibala kumphakathi womthi ohamba incindi kunye nexolo, kunye nokufa komthi ngasemva okanye encamini. Symptoms are unique to each tree species.limpawu zifana zodwa kuhlobo lomthi ngamnye. Ukuza kuthi ga ngoku, akukabikho sisombululo siphangaleleyo sifumanekileyo.

Unyango ngamachiza ngohlobo lwezibulala-zinambuzane ezikhoyo kunye nezibulala-mngundo ukuza kuthi ga ngoku azibanga yimpumelelo kuba amabhungane egrumba ngaphakathi kwinzulu yomthi. Ukutshintsha njengendlela yokuthintela ukunwenwa kosuleleko nako ngokunjalo akuyompumelelo, kuba amabhungane asuka abhabhe abaleke ebushwishini.

Nakuba kunjalo, uMasipala waseOverstrand uyasebenzisana ngokupheleleyo neFABI ukunceda ukugcina olu suleleko luphantsi kweliso. Ukuza kuthi ga ngoku, nakuba kunjalo, sibongoza bonke abanini-zindlu nabamelwane abachaphazelekayo ukuba bayiqwalasele imithi ekuhlaleni kwabo rhoqo ukuqwalasela naziphi na iimpawu zokusuleleka yishotborer (ibhunga elimnyama). (Khangela isalathiso sokubonwayo ukuqwalasela iimpawu zangaphandle.) **Ukuba ezinye zezi mpawu ziyaqapheleka emithini okuthetha ukuba usuleleko yi-PSHB, kucelwa ukuba uyichaze ngoko nangoko kumlawuli womyezo omkhulu waseOverstrand u- Lauren Rainbird (028 313 8972) okanye kwa-Environmental Management Services (028 316 3724) okanye uthumele i-imeyili apha enquiries@overstrand.gov.za.** *Khumbula ukuba intsebenziswano yenu ibaluleke gqitha ukuba sifuna ukulawula lo mngcipheko kwimithi yethu.*



UJohan du Toit, ongowesibini kokwegunya lolawulo kwikomiti yonyanzeliso-mithetho kamasipala, udidekile luthotho lwezenzo zokungcoliswa okwenzeke kummandla waseOverstrand kutshanje.

"Nangona ingeyonto ixhomisa amehlo njengokulahla izinto ngokungekho semthethweni," utshilo uDu Toit, "izenzo ezinjengezi zixhomisa amehlo kuMasipala waseOverstrand kuba oku kungaphelele nje ekudaleni ukungcola, kodwa kubangela ingozi kwezempilo.

Kutshanje, ikomiti yethu kunyanzeleke ukuba mayisuse igrafiti - enye yayo ibihlambela kakhulu - ukususela kwiindonga zemiqolomba eziseGearing Point, yaye andingethandi ukunaba ngohlobo lokungcola okuqatywe kwiindonga zezindlu zangasese ekwanyanzeleka ukuba sizisule."

Amagosa onyanzeliso-mithetho kamasipala benza konke okusemandleni ukuyisusa le ngxaki, kodwa uMasipala uhlaba ikhwelo kumntu wonke ukuba ancede achaze naziphi na izenzo ezingekho mthethweni/ezinganandiphekiyo kwigumbi lezolawulo leeyure eziyi-24 **kwa-028 313 8000/8111** ngoko nangoko.

Ukuchaza indawo ekwenzeke isenzo eso kanye nokunika inkcazo yomntu/yabantu ababandakanyekayo kuya kunceda ngokuqinisekileyo ekubanjweni kwabaphuli-mthetho.